



## **STIGTING VIR BEMAGTIGING DEUR AFRIKAANS (SBA) Umthetho wabucala**

### **1. Intshayelelo**

Ukhuselo lweenkcukacha eziyimfihlelo zomntu yinto ebalulekileyo kwi-SBA. Okufuneka kwenziwe ngokwemigaqo womthetho we-Protection of Personal Information Act (POPIA), 3 ka-2014, kuthathelwe ingqalelo yi-SBA, kwaye lo mthetho iwuqulunqileyo ulandela khondweni linye nalowo karhulumente. Lo mthetho uchaza ngohlobo i-SBA izisingatha ngayo iinkcukacha zomntu eziyimfihlelo enazo.

Asisayi kuzisebenzisela enye into iinkcukacha zakho eziyimfihlelo. Zakusetyenziswa kuphela kulo nto uvumelene nayo ngathi, kwaye sakuthatha onke amanyathelo ukuqinisekisa iinkcukacha zakho zichanekile, zithembekile, kwaye ziyimfihlelo ukuze zingalahleki okanye zonakale yaye sithintele zingasetyenziswa ngaphandle kwegunya.

### **2. Zeziphi iinkcukacha zomntu esisebenza ngazo?**

Sithatha kwaye sisebenze ngeenkcukacha zabantu aba kolu luhlu:

- Abaqeshwa;
- Amalungu eBhodi netrasti;
- Abathathi-nxaxheba kwiinkqubo ze-SBA;
- Abaququzeleli beenkqubo;
- Iindwendwe zemisitho ye-SBA;
- Ababonelela ngenkonzo kwi-SBA;
- Abandwendwela iwebhusayithi ye-SBA namakhasi onxibelelwano ayo;
- Abaxhasi nabanikeli.

### **3. Sizithatha njani iinkcukacha zomntu?**

I-SBA izithatha ezi nkcukacha xa umntu:

- Ebhalisela iprojekthi, nokuba kusephepheni okanye ngendlela yedijithali.
- Eqhagamshelana nathi nge-imeyile okanye kwiwebhusayithi.
- Endwendwela iwebhusayithi yethu okanye amakhasi ethu onxibelelwano ngeendaba.
- Engena kwisivumelwano sokubonelela ngenkonzo okanye ngenkxaso ne-SBA.

#### **4. Sizisebenzisa njani ezi nkcukacha zakho?**

I-SBA izithatha ezi nkcukacha zakho kwaye izisebenzisele ezi njongo zilandelayo:

- Ekulawuleni inxaxheba okanye inxaso yakho kwiinkqubo ze-SBA ngendlela efanelekileyo.
- Ekulawuleni iinkcukacha zabaqeshwa ngendlela efanelekileyo.
- Ekuqinisekiseni sihambisana nemigaqo esemthethweni ebhekiselele kumsebenzi esiwenzayo.
- Ekusebenziseni amanani achaza ngamatyeli ondwendwele ngawo iwebhusayithi yethu okanye amakhasi ethu onxibelelwano ngeendaba ukuze sikwazi ukuphucula unxibelelwano nawe ngohlobo lwedijithali.

I-SBA izisebenzisa ezi nkcukacha zakho kulawulo lwangaphakathi nakwelo lweenkqubo zethu, kwaye ayisoze yabelane nabanye abantu ngeenkukacha zakho ngaphandle kwemvume yakho okanye iyakwenza oko xa kunyanzelekile ngokwasemthethweni.

#### **5. Ukhuseleko lwenkcukacha**

Ngokwemigaqo esemthethweni ye-POPIA, i-SBA inyanzelekile ithabathe onke amanyathelo afanelekileyo ekukhuseleni iinkcukacha zakho. Siyazibophelela ekuqinisekiseni sihlala siluvavanya ukhuseleko ukuze iinkcukacha zakho zihlale zikhuselekile.

#### **6. Amalungelo akho njengomnini-zinkcukacha**

Umnini-zinkcukacha ngamnye unamalungelo anawo ngokwemigaqo ye-POPIA equka oku kulandelayo:

- Ilungelo lokuchazelwa  
Ilungelo lokuchazelwa iinkcukacha ziyathathwa kwakunye nenjongo yoko.
- Ilungelo lokufikelela  
Ilungelo lokufikelela kwiinkcukacha zakho.
- Ilungelo lokulungisa/lokuphucula  
Ilungelo lokucela ukulungisa, ukuphucula okanye ukutshabalalisa iinkcukacha zakho.

Ukuba wenza isicelo kuthi malunga nelinye lala malungelo, sithembisa ngokuphendula ngokukhawuleza.

#### **7. Uhlalutyo lwe-inthanethi**

7.1 I-SBA iyisebenzisa iwebhusayithi yayo kwakunye namakhasi ayo onxibelelwano ngeendaba ekwabeleni ngolwazi ngemisebenzi yayo. La makhasi onxibelelwano aye athathe iinkcukacha zabo bawasebenzisayo. Qaphela: i-Twitter, Facebook, kunye ne-Instagram zinemithetho yazo yabucala engadibenanga nemithetho yabucala ye-SBA.

7.2 I-SBA isebenzisa i-Google Analytics ekujongeni amanani wabo bandwendwela iwebhusayithi, ixesha elichithiweyo kwiwebhusayithi kwakunye namakhasi ajongiweyo. Azikho ezinye iinkcukacha eziye zithathwe.

## **8. Ungaqhagamshelana njani nathi?**

Ukuba ufuna ukuqhagamshelana ne-SBA malunga nalo mthetho wabucala okanye nokusebenzisa elinye lamalungelo lakho ngeenkcukacha zakho, nceda uqhagamshelane nathi ngenye yezi ndlela:

i-imeyile: [admin@sbafricaans.co.za](mailto:admin@sbafricaans.co.za)

umnxeba: 063 758 6648